Isalathiso: 20190916-9274
Inombolo yefayili: 12/2/10/5
Imibuzo: GC Ahrends

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0012/2019

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko: zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiMfundo eBandakanya Bonke aBafundi nakwiMfundo eneeMfuno eziZodwa, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNgcali zeMfundo ezineQhuzu nakwiiNqununu

ISihloko: Iikhrayitheriya zamabhaso ezikolo okupasa ngokugqwesileyo kwiiMvavanyo zeNkqubo yezeMfundo zoLwimi neMathematika zango-2019– kumaBakala 3, 6 no-9

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) lifuna ukuqinisekisa ukuphucuka komgangatho wokupasa kumanqanaba oLwimi neMathematika kuzo zonke izikolo. Umgangatho wemfundo yesikolo esiyiprayimari ubulandelelwa kusetyenziswa iprogram yeemvavanyo zenkqubo yezemfundo zamaBakala 3, 6 no-9 zoLwimi neMathematika eNtshona Koloni kwithuba leminyaka eyi-18 edlulileyo.

2. Iziphumo zisetyenziswa zizikolo nangamagosa ezithili ukucwangcisela imisebenzi yokufunda yonyaka nokwenza izicwangciso zokuphucula izikolo nezithili.

3. ISebe iWCED linika izikolo amabhaso ezithe zabonisa ukuphucuka komgangatho nokupasa ngokugqwesileyo kwiminyaka echaphazelekayo. Injongo yala mabhaso kukuqaphela ukugqwesa nokuqwalasela izikolo eziyimizekelo yokuqhuba kakuhle kwiimvavanyo.

4. ISebe iWCED linovuyo lokunika izikolo ezi khrayitheriya zamaBhaso eZikolo zeNtshona Koloni oKupasa uLwimi neMathematika zango-2019 (kumaBakala 3, 6 no-9), neziqhotyoshelweyo **njengesiHlomelo A**.

5. Itheko lamabhaso okubhiyozela izikolo ezigqwesileyo nezo zibonise ukuwuphucula ngokukhulu umgangatho kwiimvavanyo zenkqubo yemfundo kwiphondo ngo-2019 liya kubanjwa ngoLwesibini nge-25 Februwari 2020.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA : 2019-10-03

IIKHRAYITHERIYA ZAMABHASO EZIKOLO ZENTSHONA KOLONI OKUPHUMELELA KULWIMI NAKWIMATHEMATIKA (KUMABAKALA 3, 6 NO-9)

ISebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) liya kunika amabhaso kwezi ndidi zilandelayo:

UDIDI 1 – UKUGQWESA EKUPASENI IZIFUNDO

ISebe iWCED liya kulinganisela ukugqwesa ngokuphumelela ngo-75% nangaphezulu zizikolo kwiimvavanyo zenkqubo yezemfundo. Izikolo ngasinye siya kufumana isatifikethi.

Izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

- **Udidi 1(a): Ukugqwesa jikelele kuLwimi nakwiMathematika: AmaBakala 3 no-6**
  - *Izikolo ezinabafundi abayi-30 elona nani lisezantsi labafundi ababhalayo kumaBakala 3 no-6*
    ISebe iWCED liya kunika amabhaso okugqwesa izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo eziyi-10 kolu didi, ngokusekelwe kwiziphumo ezingumndilili ezidityanisiweyo zeemvavanyo zoLwimi nezeMathematika kumaBakala 3 no-6.
  - *Izikolo ezinabafundi abangaphantsi kwabayi-30 ababhalayo kumaBakala 3 no-6*
    ISebe iWCED liya kunika ibhaso lokugqwesa kwisikolo sikarhulumente esiqhelekileyo esinye kolu didi, ngokusekelwe kwiziphumo ezingumndilili ezidityanisiweyo zeemvavanyo zoLwimi nezeMathematika kumaBakala 3 no-6.

- **Udidi 1(b): Ukugqwesa jikelele kuLwimi nakwiMathematika: IBakala 9**
  - *Izikolo ezinabafundi abayi-30 elona nani lisezantsi labafundi ababhalayo kwiBakala 9*
    ISebe iWCED liya kunika amabhaso okugqwesa kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo eziyi-10 kolu didi, ngokusekelwe kwiziphumo ezingumndilili ezidityanisiweyo zeemvavanyo zoLwimi nezeMathematika kwiBakala 9.
  - *Izikolo ezinabafundi abangaphantsi kwabayi-30 ababhalayo kwiBakala 9*
    ISebe iWCED liya kunika ibhaso lokugqwesa kwisikolo sikarhulumente esiqhelekileyo esinye kolu didi, ngokusekelwe kwiziphumo ezingumndilili ezidityanisiweyo zeemvavanyo zoLwimi nezeMathematika kwiBakala 9.

- **Udidi 1(c): Ukugqwesa ekupaseni izifundo zoLwimi: kumaBakala 3 no-6**
  - *Izikolo ezinabafundi abayi-30 elona nani lisezantsi labafundi ababhalayo kumaBakala 3 no-6*
    ISebe iWCED liya kunika amabhaso okugqwesa izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezithathu kolu didi, zingabandakanywanga ezo zinikwe

amabhaso kuDidi 1(a), ngokusekelwe kwiziphumo ezingumndilili ezidityanisiweyo zeemvavanyo zoLwimi zamaBakala 3 no-6.

– *Izikolo ezinabafundi abangaphantsi kwabayi-30 ababhalayo kumaBakala 3 no-6*
ISebe iWCED liya kunika ibhaso lokugqwesa kwisikolo sikarhulumente esiqhelekileyo esinye kolu didi, zingabandakanywanga ezo zazinikwe amabhaso kuDidi 1(a), ngokusekelwe kwiziphumo ezingumndilili ezidityanisiweyo zeemvavanyo zoLwimi zamaBakala 3 no-6.

- **Udidi 1(d): Ukugqwesa ekupaseni izifundo zeMathematika: AmaBakala 3 no-6**
  – *Izikolo ezinabafundi abayi-30 elona nani lisezantsi labafundi ababhalayo kumaBakala 3 no-6*
  ISebe iWCED liya kunika amabhaso okugqwesa izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezithathu kolu didi, zingabandakanywanga ezo zinikwe amabhaso kuDidi 1(a), ngokusekelwe kwiziphumo ezingumndilili ezidityanisiweyo zeemvavanyo zeMathematika zamaBakala 3 no-6.
  – *Izikolo ezinabafundi abangaphantsi kwabayi-30 ababhalayo kumaBakala 3 no-6*
  ISebe iWCED liya kunika ibhaso lokugqwesa isikolo sikarhulumente esiqhelekileyo esinye kolu didi, singabandakanywanga eso sinikwe ibhaso kuDidi 1(a), ngokusekelwe kwiziphumo ezingumndilili ezidityanisiweyo zeemvavanyo zeMathematika zamaBakala 3 no-6.

- **Udidi 1(e): Ukugqwesa ekupaseni izifundo zoLwimi: IBakala 9**
  – *Izikolo ezinabafundi abayi-30 elona nani lisezantsi labafundi ababhalayo kwiBakala 9*
  ISebe iWCED liya kunika amabhaso okugqwesa izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezithathu kolu didi, zingabandakanywanga ezo zinikwe amabhaso kuDidi 1(b), ngokusekelwe kwiziphumo ezingumndilili ezidityanisiweyo zeemvavanyo zoLwimi kwiBakala 9.
  – *Izikolo ezinabafundi abangaphantsi kwabayi-30 ababhalayo kwiBakala 9*
  ISebe iWCED liya kunika ibhaso lokugqwesa isikolo sikarhulumente esiqhelekileyo esinye kolu didi, singabandakanywanga eso sinikwe ibhaso kuDidi 1(b), ngokusekelwe kwiziphumo ezingumndilili ezidityanisiweyo zeemvavanyo zoLwimi zeBakala 9.

- **Udidi 1(f): Ukugqwesa ekupaseni izifundo zeMathematika: IBakala 9**
  – *Izikolo ezinabafundi abayi-30 elona nani lisezantsi labafundi ababhalayo kwiBakala 9*
  ISebe iWCED liya kunika amabhaso okugqwesa izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezithathu kolu didi, zingabandakanywanga ezo zinikwe amabhaso kuDidi 1(b), ngokusekelwe kwiziphumo ezingumndilili ezidityanisiweyo zeemvavanyo zeMathematika zeBakala 9.
  – *Izikolo ezinabafundi abangaphantsi kwabayi-30 ababhalayo kwiBakala 9*
  ISebe iWCED liya kunika ibhaso lokugqwesa kwisikolo sikarhulumente esiqhelekileyo esinye kolu didi, singabandakanywanga eso sinye sasinikwe

ibhaso kuDidi 1(b), ngokusekelwe kwiziphumo ezingumndilili ezidityanisiweyo zeemvavanyo zeMathematika kwiBakala 9.

- **Udidi 1(g): Ukugqwesa ekupaseni isifundo kwiBakala 3 (apho izikolo zingenalo iBakala 6)**
  - *Izikolo ezinabafundi abayi-30 elona nani lisezantsi labafundi ababhalayo kwiBakala 3*
    ISebe iWCED liya kunika ibhaso lokugqwesa isikolo sikarhulumente esiqhelekileyo esinye kolu didi, ngokusekelwe kwiziphumo ezingumndilili ezidityanisiweyo zeemvavanyo zoLwimi nezeMathematika kwiBakala 3.
  - *Izikolo ezinabafundi abangaphantsi kwabayi-30 ababhalayo kwiBakala 3*
    ISebe iWCED liya kunika ibhaso lokugqwesa isikolo sikarhulumente esiqhelekileyo esinye kolu didi, ngokusekelwe kwiziphumo ezingumndilili ezidityanisiweyo kwiimvavanyo zoLwimi nezeMathematika kwiBakala 3. Isikolo masibe kuluhlu lwezikolo eziyi-10 ezigqwesileyo kwiphondo.

- **Udidi 1(h): Ukugqwesa ekupaseni isifundo kwiBakala 6 (apho izikolo zingenalo iBakala 3)**
  ISebe iWCED liya kunika ibhaso lokugqwesa isikolo sikarhulumente esiqhelekileyo esinye kolu didi, ngokusekelwe kwiziphumo ezingumndilili ezidityanisiweyo zeemvavanyo zoLwimi nezeMathematika kwiBakala 6.

Izikolo ezizimeleyo

- **Udidi 1(i): Ukugqwesa jikelele kuLwimi nakwiMathematika kwizikolo ezizimeleyo: AmaBakala 3 no-6**
  - *Izikolo ezinabafundi abayi-30 elona nani lisezantsi labafundi ababhalayo kumaBakala 3 no-6*
    ISebe iWCED liya kunika ibhaso lokugqwesa isikolo esizimeleyo esinye kolu didi, ngokusekelwe kwiziphumo ezingumndilili ezidityanisiweyo zeemvavanyo zoLwimi neMathematika kwiBakala 3 no-6.
  - *Izikolo ezinabafundi abangaphantsi kwabayi-30 ababhalayo kumaBakala 3 no-6*
    ISebe iWCED liya kunika ibhaso lokugqwesa isikolo esizimeleyo esinye kolu didi, ngokusekelwe kwiziphumo ezingumndilili ezidityanisiweyo zeemvavanyo zoLwimi nezeMathematika kumaBakala 3 no-6.

- **Udidi 1(j): Ukugqwesa jikelele kuLwimi nakwiMathematika kwizikolo ezizimeleyo: IBakala 9**
  - *Izikolo ezinabafundi abayi-30 elona nani lisezantsi labafundi ababhalayo kwiBakala 9*
    ISebe iWCED liya kunika ibhaso lokugqwesa isikolo esizimeleyo esinye kolu didi, ngokusekelwe kwiziphumo ezingumndilili ezidityanisiweyo zeemvavanyo zoLwimi nezeMathematika zeBakala 9. ISebe iWCED liya kuthathela ingqalelo inani labafundi abapase ngaphezu ko-50% kwiimvavanyo.
  - *Izikolo ezinabafundi abangaphantsi kwabayi-30 ababhalayo kwiBakala 9*

ISebe iWCED liya kunika ibhaso lokugqwesa isikolo esizimeleyo esinye kolu didi, ngokusekelwe kwiziphumo ezingumndilili ezidityanisiweyo zeemvavanyo zoLwimi nezeMathematika zeBakala 9. ISebe iWCED liya kuthathela ingqalelo inani labafundi abapase ngaphezu ko-50% kwiimvavanyo.

UDIDI 2: UKUPHUCULA UMGANGATHOJIKELELE EKUPASENI IZIFUNDO KUMABAKALA 3, 6 NO-9

ISebe iWCED liya kulinganisela ukuphucuka komgangatho ngokunyuka kwenani labafundi abapase ngaphezu ko-50% kwiimvavanyo zoLwimi nakwiMathematika ngethuba lango-2017–2019. Isikolo ngasinye siya kufumana isatifikethi kwakunye ne-R10 000 ukwenzela ukuthenga izibonelelo zoxhasa ukufunda nokufundisa.

- **Udidi 2(a): Ukuphucula umgangatho jikelele ekupaseni izifundo: AmaBakala 3 no-6**
  - *Izikolo ezinamani obhaliso abafundi abayi-600 elona nani lisezantsi*
    ISebe iWCED liya kunika amabhaso izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo eziyi-10 ezibonise ukuwuphucula umgangatho ngokukhulu kwiimvavanyo zoLwimi neMathematika kumaBakala 3 no-6.
  - *Izikolo ezinenani lobhaliso elingaphantsi kwabafundi abayi-600*
    ISebe iWCED liya kunika amabhaso izikolo ezihlanu zikarhulumente eziqhelekileyo ezibonise ukuwuphucula umgangatho ngokukhulu kwiimvavanyo zoLwimi neMathematika kumaBakala 3 no-6.

- **Udidi 2(b): Ukuphucula umgangatho jikelele ekupaseni izifundo: IBakala 9**
  - *Izikolo ezinenani lobhaliso labafundi abayi-600 elona nani lisezantsi*
    ISebe iWCED liya kunika amabhaso izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezisixhenxe ezibonise ukuwuphucula umgangatho ngokukhulu kwiimvavanyo zoLwimi neMathematika kwiBakala 9.
  - *Izikolo ezinenani lobhaliso elingaphantsi kwabafundi abayi-600*
    ISebe iWCED liya kunika amabhaso izikolo zikarhulumente ezithathu eziqhelekileyo ezibonise ukuwuphucula umgangatho ngokukhulu kwiimvavanyo zoLwimi neMathematika kwiBakala 9.